

Le memorandum mayisetyenziswe kunye neerubriki ezisukela kwiphepha le-13 ukuya kwele-15 lale memo.

**ICANDELO A: IZINCOKO**

**UMBUZO 1**

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kulindeleke ukuba umviwa abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Imixholo ekhankanyiweyo isisikhokelo sendlela ezinokutolikwa ngayo izihloko ngabafundi. Imixholo abanokubhala phantsi kwayo kwisincoko ngasinye ihambelana nombuzwana ngamnye. Umfundi otolike ngendlela engabhalwanga apha ehambelanayo nesihloko makanikwe amanqaku akhe azeleyo.
- Isincoko masibe namagama angama-150-180 ubude. (Umxholo kuphela) Mawangabalwa amagama esihloko xa kubalwa amagama.
- Makangohlwaywa umfundi obhale isincoko esilolunye udidi ngaphandle kwesibalisayo/esichazayo.
- Sebenzisa irubriki yeCandelo A enamanqaku angama-40 ukumakisha izincoko.

Le fomathi yezincoko sisikhokelo kuphela, abafundi bakushiyselana ngokwamaqondo abo abafikelela kuwo.

Isincoko	Isakhiwo setekisi	Iimpawu zolwimi
Esibalisayo	Sinentshayeleyo. Iziganeko. Isiphelo.	Singabhalwa kumntu wokuqala okanye wesithathu. Sisebenzisa ixesha eladlulayo okanye elidlulileyo. Iziganeko zibaliswa/zichazwe ngokulandelelana. Sisebenzisa izidibanisi ezibonisa ixesha/ukulandelelana kweziganeko. Abalinganiswa bangenziwa bazithethele. Sisebenzisa ulwimi oludala ifuthe njengezihlomelo, izichazi, izifanekisozwi, imifanekiso-ntelekelelo.
Esichazayo	Sinentshayeleyo. Iziganeko. Isiphelo.	Sichaza into, umntu, indawo, imeko njalo njalo. Singabhalwa kwixesha elidlulileyo okanye elangoku. Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso. Sisebenzisa izichazi, izihlomelo. Sisebenzisa imifanekiso ntelekelelo, izafobe eziqhelekileyo.

X-N.  
24/11/14 PP 81




1.1 Abaqhubi abaninzi eMzantsi Afrika abayithobeli imithetho yezendlela.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba umfundi abhale ngoku kulandelayo:

- Ukuqhuba phantsi kwempembelelo yeziyobisi.
- Ukuqhuba ngesantya esiphezulu.
- Ukungathobeli iimpawu zendlela.
- Ukungakhathaleli abahambi ngeenyawo.
- Ukuqhuba iimoto ezingekho mgangathweni.
- Ukukhwelisa abantu abaninzi ngaphezu komlinganiselo.
- Ukungathobeli amagosa ezendlela.



(Umfundi angathetha nangezinye izinto ngokuphathelele kubaqhubi abangayilandeliyo imithetho yezendlela.)

[40]

### OKANYE

1.2 'Andisoze ndiwulibale unyaka wokufunda kwam imatriki.'

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba umfundi athethe ngezinto ezenzekileyo ezibangela ukuba angawulibali lo nyaka wokufunda kwakhe imatriki.

UMZEKELO:

- Izifundo zematriki.
- Ootitshala bematriki.
- Izinto ezimbi nezintle ezenzekileyo kulo nyaka.
- Iimviwo neemvavanyo zematriki.
- Itheko lokuthi ndlela-ntle kubafundi bematriki.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto ngonyaka wokufunda kwakhe ibanga lematriki.)

[40]

### OKANYE

1.3 'Ibimnandi kakhulu le mini!'

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngale mini ibimnandi kakhulu.

UMZEKELO:

- Nayiphi imini eyayimnandi



- Iziganeko/izehlo zihla ngemini enye esenokuyithelekisa nanye.
- Izinto ezenzekileyo ezibangele ukuba le mini ibe mnandi kakhulu.
- Indlela eqale nephele ngayo le mini.
- Izizathu zokuba bavakalelwe ngolu hlobo ngale mini.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto ngemini yakhe emnandi.)

**OKANYE**

1.4 'Andisoze ndiwulibale loo myalezo we-SMS.'

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngalo myalezo we-SMS bangazi kukwazi ukuwulibala.

UMZEKELO:

- Imvelaphi yalo myalezo we-SMS.
- Isizathu sokuthunyelwa kwalo myalezo we-SMS.
- Isizathu sokungalibaleki kwalo myalezo we-SMS.
- Uvakalelo lwabafundi xa bebona lo myalezo we-SMS.
- Iinkcukacha eziqulathwe ngulo myalezo we-SMS.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto malunga nalo myalezo we-SMS ungalibalekiyo.)

**OKANYE**

1.5 1.5.1 Makasinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakhe.


Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba umfundi awutolike ngokohlobo awubona ngalo lo mfanekiso.

UMZEKELO:

- Ufondolozo lwendalo.
- Indlela eziphila ngazo iintaka.
- Ubudlelwane phakathi kweentaka nendalo.
- Uncedo lweentaka.
- Ukuncipha kwamanani eentaka.

**OKANYE**



[40]

[40]

[40]




1.5.2 Makasinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakhe.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bawutolike ngokohlobo abawubona ngalo lo mfanekiso.

UMZEKELO:

- Ngeqhawe ngalinye ngokokuwazi kwabo
- Imidlalo gabalala/umdlalo ngamnye
- Umdlalo/Umdlali mnye
- Iziyobisi ezisetyenziswa ngabadlali
- Uqgatso lwezemidlalo akhe walungenela



[40]

**OKANYE**

1.5.3 Makasinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakhe.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bawutolike ngokohlobo abawubona ngalo lo mfanekiso.

UMZEKELO:

- Ukutya okunempilo/okungenampilo
- Iingozi ezibangelwa kukutya
- Ingxaki awayekhe wangena kuyo ngenxa yokutya okungenampilo

[40]

**OKANYE**

1.5.4 Makasinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakhe.

Angabhala isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bawutolike ngokohlobo abawubona ngalo lo mfanekiso.

UMZEKELO:


- Umtshato wesiNtu.
- Umtshato awayekhe waya kuwo
- Umtshato wakhe (achaze imibono)
- Iingxaki ezifunyenwe sesi sibini phambi kokuba sitshate.
- Imini yomtshato/Imini yomtshato engasoze ulibaleke.

[40]

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**







**ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**

**UMBUZO 2**

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kulindeleke ukuba umfundi abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Imixholo ekhankanyiweyo isisikhokelo sendlela ezinokutolikwa ngayo izihloko ngabafundi.  
 Umfundi otolike ngendlela engabhalwanga apha ehambelanayo nesihloko makanikwe amanqaku akhe azeleyo.
- Umhlathi omde mawube namagama angama-60-80 ubude. (Umxholo kuphela)
- Sebenzisa irubriki yeCandelo B noC enamanqaku angama-20 ukumakisha eli candelo.

**QAPHELA:**

Zininzi iifomathi ezisemthethweni ezisetyenziswayo malunga nomhlathi ngamnye, ngoko ke abafundi bangadlelelelwa ngenxa yefomathi ekungavisiswana ngayo. Makuzanywe ukuba wonke ubani azazi ezi fomathi.

**2.1 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi kwentombi nenkwenkwe malunga nobomi babo kwilizwe labo, uMzantsi Afrika.

<b>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI</b>  <b>12 AMANQAKU</b>	<b>ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA</b>  <b>8 AMANQAKU</b>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kuboniswa izithethi nenjongo yazo yokuthetha phambi kokuba ziqale ukuthetha.</li> <li>• Xa sele iqhuba ingxoxo, amagama ezithethi abhalwe ekhohlo alandelwa yikholon rhoqo emva kwagama lesithethi.</li> <li>• Inentetha nempendulo.</li> <li>• Isithethi ngasinye siqala ukuthetha kumgca omtsha.</li> <li>• Izibiyeli zisetyenziswa ukubonisa iingcinga nentshukumo yesithethi phambi kokuba zithethe umzekelo, (ancume).</li> <li>• Akuvumelekanga ukungaphenduli.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukukhula kwengxoxo ingemi ndawonye.</li> <li>• Ukunyukela kweengcinga.</li> <li>• Kungabikho mpendulo zingoo- ewe noohayi kuphela.</li> <li>• Basenokucebisana okanye babonisane elowo eqhuba echasene nolomnye uluvo.</li> <li>• Umfundi angathetha nangantoni na malunga nencoko yentombi nenkwenkwe ngokuphathelele nobomi babo eMzantsi Afrika.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Bakhululekile bathetha bengabantu abalinganayo.</li> <li>• Basebenzisa ixesha langoku.</li> <li>• Ulwimi alunabukrwada.</li> <li>• Ulwimi olubonisa uvakalelo.</li> </ul>

[20]

**OKANYE**

XN

24/11/14 PPSM




2.2 ILETA ESESIKWENI

UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI 12 AMANQAKU	ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA 8 AMANQAKU
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• lidilesi zimbini, yeyomfundi neyenqununu.</li> <li>• Eyombhali idilesi iphela ngomhla.</li> <li>• Inesibuliso esisesikweni.</li> <li>• Inesihloko esandlala injongo yesicelo.</li> <li>• Inesiphelo emva kwesiqu.</li> <li>• Inentsayino-gama kunye negama elizeleyo lomenzi sicelo.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mayibhalelwe inqununu yesikolo.</li> <li>• Amagama angama-60-80.</li> <li>• Imfutshane, iyaqupha ihleli emxholweni.</li> <li>• Isakhiwo somyalezo masibe nemihlathi, umzekelo: Makabonise umdla wakhe kulo msebenzi.</li> <li>• Azise ukuba sibhengezwe phi isithuba.</li> <li>• Izizathu zokucela lo msebenzi.</li> <li>• linkcukacha ngaye eziquka izakhono anazo ezihambelana nomsebenzi kunye namava anawo ngalo msebenzi.</li> <li>• Amaxesha anokufumaneka ngawo.</li> <li>• Umgca malunga nokukhapha ileta, umzekelo isivi, izatifikethi.</li> <li>• Umfundi angathetha nangantoni na emalunga nesicelo somsebenzi.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Makusetyenziswe ithoni nerejista esesikweni.</li> <li>• Icacile, imfutshane ulwimi luthile ngqo.</li> <li>• Sebenzisa imiqaqo yolwimi, umzekelo: <i>Mhlekazi, Ozithobileyo.</i></li> </ul>

[20]

OKANYE



X-N  
 27/11/14 PP 84



2.3 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umalume wakho ileta umbulele ngesipho semali yokukhenketha nesikolo ngeeholide zeHlobo akuthumelele sona.

<b>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI</b> <b>12 AMANQAKU</b>	<b>ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA</b> <b>8 AMANQAKU</b>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Idilesi INYE YEYOMBHALI.</li> <li>• Eyombhali idilesi iphela ngomhla.</li> <li>• Inesibuliso.</li> <li>• Isakhiwo somyalezo sihambelana neleta yombulelo.</li> <li>• Inesihloko esandlala injongo yesicelo.</li> <li>• Inesiphelo emva kwesiqu.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mayibhalelwe umalume wombhali.</li> <li>• Amagama angama-60-80 kuphela.</li> <li>• Imfutshane, iyaqupha ihleli emxholweni.</li> <li>• Isakhiwo somyalezo masibe nemihlathi, umzekelo: Makabalule ingxaki abekuyo phambi koncedo.</li> <li>• Abonise uncedo alunikiweyo nguninalume, lucaciswe luxhaswa ngeenkukacha zokhenketho.</li> <li>• Amazwi ombulelo ekhatshwa luvakalelo lwakhe ngesenzo eso.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Iimpawu zolwimi mazihambelane nenjongo yokubulela.</li> <li>• Makusetyenziswe ithoni nerejista ebonisa ukuba mdala lo mntu ubhalelwayo.</li> <li>• Izivakalisi ezipheleleyo.</li> </ul>

[20]

OKANYE

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION

X.N.  
 24/11/14 1P2 SM




2.4 **INGXELO EMFUTSHANE**

Bhala ingxelo emfutshane yokhuphiswano lweekwayala ebeniye kulo eSun City.

<b>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI</b>  <b>12 AMANQAKU</b>	<b>ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA</b>  <b>8 AMANQAKU</b>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Inesihloko.</li> <li>• Inokukhatshwa yimifanekiso.</li> <li>• Inkcazelo yeziganeko zokhuphiswano ngokulandelelana kwazo. (imizobo asenokuyifaka ayinamanqaku)</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Unika iinkcukacha malunga nokhuphiswano kuquka iikwayala, indebe esetyenzelwayo, indlela ebezicula ngayo iikwayala.</li> <li>• Iziphumo zokhuphiswano nokulandela emva koku khuphiswano okuchaphazela kwale kwayala kwixa elizayo.</li> <li>• Izinto azifundileyo nazithandileyo malunga nolu khuphiswano.</li> <li>• Umfundi angathetha nangantoni na malunga nokhuphiswano lweekwayala obelusingathwe eSun City.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ibhawwa kwixesha langoku / elidlulileyo.</li> <li>• Igxininisa kubathathi nxaxheba.</li> <li>• Kusetyenziswa isigama esihambelana nomxholo ekubhalwa ngawo ingxelo.</li> <li>• Izivakalisi ezipheleleyo.</li> <li>• Isukela kokuqhelekileyo gabalala ukuya kokungqalileyo.</li> </ul>

[20]

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**



X-N. SM  
24/11/14





**ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**

**UMBUZO 3**

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kulindeleke ukuba umfundi abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Umhlathi omfutshane mawube namagama angama-40-60 ubude. (Umxholo kuphela)
- Imifanekiso nemibala esetyenzisiweyo ayinamanqaku.
- Sebenzisa irubriki enamanqaku angama-20 ukumakisha eli candelo.
- **QAPHELA:**  
Zininzi iifomathi ezisemthethweni ezisetyenziswayo malunga nomhlathi ngamnye, ngoko ke abafundi bangadlelelelwa ngenxa yefomathi ekungavisiswana ngayo. Makuzanywe ukuba wonke ubani azazi ezi fomathi.

**3.1 IPOSIKHADI**

Bhalela umhlobo wakho iposikhadi umxelele ngendawo enomdla obutyelele kuyo eMzantsi Afrika.

<p><b>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI</b></p> <p><b>12 AMANQAKU</b></p>	<p><b>ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA</b></p> <p><b>8 AMANQAKU</b></p>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• lidilesi INYE YEYOMNTU OBHALELWAYO.</li> <li>• Le dilesi iphela ngomhla.</li> <li>• Inesibuliso.</li> <li>• Isakhiwo somyalezo sihambelana nomongo weposikhadi.</li> <li>• Igama lombhali malibhalwe ekugqibeleni.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• linkcukacha ngale ndawo.</li> <li>• Indlela afikelele ngayo kule ndawo.</li> <li>• Uvakalelo lwakhe ngolu tyelelo kule ndawo.</li> <li>• Umfundi angabandakanya nantoni na kwiposikhadi eya kumhlobo wakhe malunga notyelelo lwakhe kwindawo enika umdla eMzantsi Afrika.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ayikho sesikweni ngokwesimbo.</li> <li>• Idla ngokucaca gca – imfutshane kwaye ithe ngqo.</li> <li>• Sebenzisa amabinzana ngokusemgaqweni.</li> </ul>

[20]

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION

2014-11-27




3.2 IZALATHISI

Izalathisi ozinika umfundi omtsha ukusuka kwigumbi leSayensi ukuya kwigumbi lesiXhosa.

<p><b>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI</b> <b>12 AMANQAKU</b></p>	<p><b>ULWIMI, ISIMBO, NOKUHLELA</b> <b>8 AMANQAKU</b></p>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mayibhalwe ngokwamanqaku.</li> <li>• Amanyathelo alandelelaniswe kakuhle.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Inkcazelo ngendlela ehanjwayo ukusuka kwigumbi lesayensi ukuya kwigumbi lesiXhosa.</li> <li>• Hamba ngqo ujike ekhohlo phambi kweholo yemidlalo.</li> <li>• Uza kubona ibala leqakamba ngasekunene kwakho. Phinda ujike ekhohlo.</li> <li>• Hamba ngqo ungajiki ekunene.</li> <li>• Dlula iithoyilethi ujike ekunene.</li> <li>• Dlula iofisi yenqununu ungajiki ekhohlo.</li> <li>• Jika ekunene ngasechibini.</li> <li>• Iipaseji ziza kwahluka kubini. Thatha eyasekhohlo unyuke izitepsi.</li> <li>• Phinda ujike ekunene udlule igumbi lesiNgesi.</li> <li>• Uza kubona igumbi lesiXhosa ngasekunene kwakho.</li> <li>• Umfundi angabandakanya ezi zikhokhelo zingentla nezinye ezisemxholweni.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Bhala kwisiyaleli.</li> <li>• Ubeka amanqaku ngokulandelelana kwawo.</li> <li>• Usebenzisa amanani neembumbulwana eziziingongoma ukubonisa ucwangco.</li> </ul>

[20]

OKANYE





3.3 IPOWUSTA


Bhala ipowusta ngeseyile ekwivenkile oyaziyo. Khumbula ukuquka zonke iinkcukacha ezibalulekileyo

**Imifanekiso ayinamanqaku**

<b>UMXHOLO, UKUCWANGCISA, NEFOMATHI</b> <b>12 AMANQAKU</b>	<b>ULWIMI ,ISIMBO, NOKUHLELA</b> <b>8 AMANQAKU</b>
<p><u>Ifomathi</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mayibe nesihloko esitsala umdla.</li> <li>• Abantu ejoliswe kubo.</li> <li>• Ulwazi lukho aluxinenanga.</li> <li>• Ifonti inkulu icacile.</li> <li>• Umhla wale seyile</li> <li>• Ixesha</li> <li>• Indawo</li> <li>• Iinkcukacha zonxibelelwano.</li> </ul> <p><u>Umxholo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Inika okanye yangeza ulwazi.</li> <li>• Injongo yayo mayivakalele msinya.</li> <li>• Nika iinkcukacha ngale venkile.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ulwimi olucacileyo nolunomtsalane.</li> <li>• Ulwimi olubonakalisa uvakalelo oluza kuzuzwa ngabo baza kuya kule venkile.</li> </ul>

[20]

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**  
**AMANQAKU EWONKE: 80**



X.N.  
24/11/14 [Signature]



**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha isincoko (Iphepha 2, ICANDELO A).
- Amanqaku phakathi kweli-0–40 ahluwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- AmaBINI okuqala kula manqanaba azizahlulo ngokomgangatho ongentla nongezantsi kwaza kwabekwa amanqaku ahambelana nale migangatho.


Ikhrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>UMXHOLO NOCWANGCISO</b> (Impendulo nezimvo) Ukubeketela izimvo ngenjongo yokucwangcisa Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko <b>24 AMANQAKU</b>	<b>22–24</b> -Impendulo ebalaseleyo enomtsalane, ngaphaya kobekulindlekile -Izimvo zihlakaniphile, zixhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko -Isincoko sibekelwe ngobuchule obungaqhelekanga kwaye intshayelelo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko	<b>18–19</b> -Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu -Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umdla, bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo -lingcamango zibekelwe ngokwakhelanayo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	<b>12–14</b> -Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo -Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguquka ukucinga kofundayo -lingcamango zibekelwe ngokunamatheleneyo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	<b>8–11</b> -Impendulo ingena iphuma emxholweni akukho lunamathelwano kwizimvo -Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko -Buncinci kakhulu ubungqina bobekelelo nonamathelwano lweengcamango	<b>0–7</b> -Impendulo ayikho mxholweni konke konke -Izimvo zibondene azigqalanga ntweni -Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/ uthetha into enye -lingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelelwano
	<b>20–21</b> -Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalasele kubhekele phi kwisincoko -Izimvo zivuthiwe zixhokonxa iingcinga -lingcamango zibekelwe zandandaniwa ngobugcisa kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo	<b>15–17</b> - Impendulo ixonxwe ngobugcisa -Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umdla -Sibekelwe ngobuchule, kukho ukunamathelana kweengcamango okuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo	<div style="border: 1px solid black; padding: 5px; text-align: center;"> <b>DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION</b>   <b>2014 -11- 27</b>             PRIVATE BOX NO            RAEBROOK 1001         </div>		
<b>Umgangatho ongezantsi</b>	<b>Umgangatho ongentla</b>				





**IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [40 AMANQAKU] (continued)**

Ikhrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>ULWIMI, ISIMBO &amp; NOKUHELELA</b>	<b>9-12</b>	<b>7-8</b>	<b>5-6</b>	<b>3-4</b>	<b>0-2</b>
Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kunye nemeko Ukhetho-magama Ukusetyenziswa kolwimi nesigama limpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopelo	-Ulwimi lugwesile nezafoke zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo i-Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo nesokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala -Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala -Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kunye nopelo -Sixonxwe ngobugcisa	-Kuyanelisa ukusetyenziswa kodwa kunamakhwiniba angephi -Ithoni ifanelekile kodwa ubambe isandla ekusebenziseni izafobe zentetho	-Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye -Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintshwa-tshintshwa -Isigama siqongophele ngokubalaseleyo	-Ulwimi aluvakali -Ukungongophala kwesigama kubaxekile kangangokuba ayinasihlahla info ebhaliweyo
<b>12 AMANQAKU</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>1</b>	<b>0</b>
<b>ISAKHIWO</b>	-Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo -linkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqiqiswa ngokugqwesileyo	-linkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelana -Izimvo zinamathelene -Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obuqiqiqisiweyo	-linkcukacha ezisemxholweni zikhuliswe -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuhle -Isincoko sibunjwe ngengqiqo	-Zikho iingcamango ezamkelekileyo -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba -Isincoko sisenayo ingqiqo	-Iingcamango ezifunekayo zinqongophele -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko -Isincoko asinangqiqo
<b>4 AMANQAKU</b>	<b>32-40</b>	<b>24-31</b>	<b>20-23</b>	<b>12-19</b>	<b>0-11</b>
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>					



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha X.N.  
2014/11/27 SM



**IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHATHI EMIDE NEMIFUTSHANE – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]**

<b>Ikhrayitheriya</b>	<b>Balaseleyo</b>	<b>Enobuchule</b>	<b>Phakathi</b>	<b>Buthathaka</b>	<b>Bubhetyebhetye</b>
<b>UMXHOLO , UCWANGCISO NEFOMATHI</b>	<b>9-12</b>	<b>7-8</b>	<b>1-5-6-7</b>	<b>3-4</b>	<b>0-2</b>
Ukungqala kwempendulo nezimvo Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi, kunye nemeko	-Impendulo igqwesile ibonisa ukuqicqisiswa kwezimvo -Izimvo zihlakaniphile kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -Iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile indawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphezamisini injongo yokubhala	-Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi -Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo kwenzeka ngokufanelekileyo -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile kodwa zikho indawana ezingachanekanga	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili iyeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi	-Impendulo ibonakalisa ukungongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo kukho Intsingiselo iduke kwisakhiwo esixazalala -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe	-Impendulo ibonakalisa ukungongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo kukho Intsingiselo iduke kwisakhiwo esixazalala -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe
<b>12 AMANQAKU</b>					
<b>ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHELELA</b>	<b>7-8</b>	<b>5-6</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>0-2</b>
Ithoni, irejista, isimbo, injongo/iftuthe, abo kujoliswe kubo kunye nemeko Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo Uchongo magama limpawu zokubhala kunye nopelo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetenyenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo waktheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becala azikho iimpazamo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphezamisini intsingiselo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisisa umyalezo -Sinqongophele isigama -Kukho amagingxi- gingxi kwintsingiselo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala iyadida -Isigama asihambelani nenjongo -Intsingiselo ilahlekle kakhulu
<b>8 AMANQAKU UMMANDLA WAMANQAKU</b>	<b>16-20</b>	<b>13-15</b>	<b>9-12</b>	<b>6-8</b>	<b>0-5</b>

